

UMGAQO-SISEKO
WASE-SIMONSBERG

Uphengululwe ngu-J van Helsdingen no-D Arnoldus
2021

INTSHAYELELO

Thina, bahlali baseSimonsberg, sibambisene ukudala imeko yokubalasela kwiinkalo zonke.

Siyabahlonipha abo bathi basivulela indlela eya kwimpumelelo yethu.

Siyakholwa ukuba le ndawo yokuhlala yeyabo bonke abahlala kuyo, kwaye simanyene kwiiyantluka-ntlukwano zethu.

Ngoko ke, ngokusebenzisa abameli bethu abonyulwe ngokukhululekileyo, samkela lo Mgaqo-siseko njengesikhokelo sale ndawo yokuhlala ukuze sifezekise oku kulandelayo:

Ukuhlonipha iinqobo zale ndawo yokuhlala nabo sabelana nabo ngale mihlaba ikhetheke kangaka.

Ukuhlonipha izithethe zale ndawo yokuhlala kunye nabo baathi bondlala iziseko zempumelelo yethu kwa kunye nabo baya kuthi balandele.

Ukuqinisekisa ukuba sinikana uxanduva lokuhlakulela imeko-bume ephucula umgangatho wobomi namava abo bonke abahlali baseSimonsberg, kwixesha langoku nakwixesha elizayo.

Ukubekela phezulu ixabiso lesidima kuwo onke amabakala obomi bakule ndawo yokuhlala, nanjengoko iindonga ezine zekhaya lethu zingenakuma ngaphandle kwalo.

Yanga singakhokeleka kwindlela yethu.

Thina, bahlali baseSimonsberg, sibhengeza umnqweno wethu wokumanyana njengeNdlu phantsi kwebhanti leenqobo zethu ezine, ezizezi:

Intlonipho

Uxanduva

Isidima

Imbeko

Iingcaciso-magama

1. ‘Simonsberger’: Umfundi uthathwa kwaye wamkelwa njengeSimonsberger ukususela ngomhla afika ngawo eSimonsberg kwaye uya kuhlala engumhlali de kufike usuku aya kuhamba ngalo kule ndawo yokuhlala.
2. ‘Umhlali’: Nawuphi na umfundi ekungoku nje uhlala eSimonsberg.
3. ‘Indlu’: Ubuqu besakhiwo esiyindawo yokuhlala esiyiSimonsberg – kananjalo nabahlali baseSimonsberg bebonke.
4. ‘Senaat’: Ubuqu becandelo apho kuhlala khona abahlali abonyuliweyo ngexesha labo lokusebenza njengeenkokheli – kananjalo neqela labahlali abasibhozo abonyuliweyo bebonke.
5. ‘IKomiti yeNdlu’: IKomiti yeNdlu inamalungu ali-15 onyuliweyo, malungu lawo ayiNtloko, iSekela-Ntloko, amalungu ongezelelweyo ali-12 noMcebisi-maqhinga.
6. ‘INtloko’: Umhlali owonyuliweyo ongusihlalo wesigqeba seNdlu neKomiti yeNdlu.
7. ‘ISekela-ntloko’: Umhlali owonyuliweyo ongusekela-sihlalo weNdlu nentloko ye-Senaat.
8. ‘UMcebisi-maqhinga’: Umntu owonyuliweyo owayesakuba lilungu leKomiti yeNdlu kwindawo yokuhlala yamanina kwikhampasi yaseStellenbosch.
9. ‘INtloko yeNdawo yokuHlala’: Umntu otyunjiweyo oyintloko yeNdlu ngokusesikweni nomnxibelelanisi phakathi kweKomiti yeNdlu, iNdlu neYunivesithi.
10. ‘Dagbestuur’ (okanye iKomiti yeSigqeba): Iqela elinako ukubiza iintlanganiso ezingxamisekileyo ngokuphathelene nemiba engxamisekileyo echaphazela le ndawo yokuhlala. I-Dagbestuur ineNtloko, iSekela-Ntloko, iNtloko yeNdawo yokuHlala nalo naliphi na ilungu lekomiti yeNdlu elithe lasebenza njengeenkokheli isi(izi)hlandlo esinye okanye ngaphezulu njengelungu leKomiti yeNdlu eSimonsberg.
11. ‘IKomiti yoLuleko yaNgaphakathi’ (Internal Disciplinary Committee - IDC): Ikomiti enosihlalo (iSekela-ntloko), amalungu asibhozo eSenaat namalungu ongezelelweyo angadlulanga kwisibini anegunya lokushukuxa imiba yokwaphulwa kwemigaqo yale ndawo yokuhlala. Ngenxa yomsebenzi we-ofisi yayo, iNtloko yeNdawo yokuHlala ililungu le-IDC elisisigxina.
12. ‘Abacebisi’: Inani leeSimonsberger, ezifumaniseke zifanelekile ngokuhambelana nabafundi abenza unyaka wabo wokuqala, ezityunjiweyo nezinoxanduva lwenkxaso yangokwengqondo nangokwentlalo kubafundi abenza unyaka wokuqala ngokujoliswe kuyo yonke imiba efunekayo, ukususela ekuqaleni kwesithuba soKwamkelwa ukuya

ekupheleni konyaka lowo wemfundo.

13. 'IPotifoliyo': Indima engqalileyo emelwe kukudlalwa lilo naliphi na ilungi leKomiti yeNdlu ekuphathweni kwale ndawo yokuhlala.
14. 'IYunivesithi': IYunivesithi yaseStellenbosch (SU).
15. 'Inkqubo jikelele': Inkqubo ngokwezigqibo zikasihlalo.

INQAKU 1

Utoliko

- 1) Utoliko lolu xwebhu lulele ngokukodwa kwiKomiti yeNdlu, iSenaat neNtloko yeNdawo yokuHlala. Naluphi na kuloo maqela lingathethana neNdlu ukuze lichophele utoliko olungakumbi. Xa kunokuthi kuthathwe nawaphi na amanyathelo okanye kwenziwe izigqibo ezingaphandle kwizibonelelo zolu xwebhu, izenzo ezinjalo zingabhengezwa njengezingafanelekanga okanye zingalungiswa kwaye/okanye ziphunyezwe.
- 2) Inguqulelo yokuqala yolu xwebhu iyafumaneka ngesiNgesi, nalapho iinguqulelo zalo ezincedisayo zifumaneka ngesi-Afrikansi nangesiXhosa. Iinguqulelo ezincedisayo kufuneka zihlaziye ngokuhambelana nenguqulelo yokuqala.
- 3) Naluphi na utoliko lobume nentsingiselo yolu xwebhu luxhomekeke kwimigaqo nemigqaliselo esebenzayo njengoko imiselwe ngabasemagunyeni abafanelekileyo kwiYunivesithi le.

INQAKU 2

Abahlali

1) Ingcaciso

Umfundi uthathwa kwaye wamkelwa njengeSimonsberger ukususela ngomhla afika ngawo eSimonsberg kwaye uya kuhlala engumhlali de kufike usuku aya kuhamba ngalo kule ndawo yokuhlala.

2) Amalungelo namaxanduva eeSimonsberger

Yonke iSimonsberger inelungelo lokwenza oku kulandelayo:

- a) Ukuphakamisa izimvo nokuvota kwiingxoxo zeNdlu.
- b) Ukusebenza kwizikhundla zobunkokheli (kuquka neekomiti ezincinci).
- c) Ukuvota nokuthatha inxaxheba kunyulo lobunkokheli.
- d) Ukwenza iziphakamiso zokulungiswa kweendawo ezithile kulo Mgaqo-siseko.

Yonke iSimonsberger inoxanduva lokwenza ngokuhambelana noku kulandelayo:

- a) Iinqobo zoMgaqo-siseko weli loMzantsi Afrika kuquka uMqulu waMalungelo ofumaneka kuwo.
- b) Iinqobo zale Yunivesithi.
- c) Iinqobo zaseSimonsberg: IMbeko, uXanduva, iSidima neNtlonipho.
- d) Lo Mgaqo-siseko.
- e) Iinkqubo zoluleko ezimiselwe yi-IDC, izigwebo eziphunyezwe yi-IDC kumba ochaphazela abatyholwa nokuqatshelwa kwelungelo labatyholwa lokubhena.

INQAKU 3

Abo banezikhundla kwii- ofisi zeNdlu

1) Abanye abanezikhundla kwii-ofisi

- a) INTloko yeNdawo yokuHlala, iNtloko, iSekela-ntloko, amalungu ali-12 eKomiti yeNdlu ongezelelweyo, iDagbestuur, uMcebisi-maqhinga, abacebisi namalungu eSenaat ngabanini bezikhundla kwii-ofisi zeNdlu.
- b) ZiiSimonsberger kuphela ezinokonyulwa njengabanini bezikhundla kwii-ofisi, ngaphandle kwendima yoMcebisi-maqhinga neNtloko yeNdawo yokuHlala.
- c) Ixesha lokuba se-ofisini labo banezikhundla kwii-ofisi liqala xa kuphela ixesha labo bebengabanini bezo zikhundla phambi kwabo, ngaphandle kwaxa abanini bezikhundla kwii-ofisi bethe bonyulwa kulonyulo lokuvingca izikhewu, nalapho ke ixesha labo lokuba se-ofisini liqala ngelixa lokonyulwa kwabo.

2) INTloko yeNdawo yokuHlala

- a) INTloko yeNdawo yokuHlala yaseSimonsberg yintloko yeNdlu etyunjwe yiYunivesithi neqhagamshela elingokusesikweni phakathi kweNdlu nezakheko zeYunivesithi. INTloko yeNdawo yokuHlala imela iYunivesithi ngokusebenzisa indima yayo kwiNdlu le.
- b) INTloko yeNdawo yokuHlala ililungu leKomiti yeNdlu ngenxa yesikhundla sayo kwaye ke ngoko ibakho kuzo zonke iintlanganiso zeNdlu ezingokusesikweni.
- c) Ngenxa yobunjani bendima yayo, iNtloko yeNdawo yokuHlala ayivoti ngelixa lonyulo nakweminye imiba efuna ukuba kuvotwe kwaye injongo yayo kukuba ngumlamli ekwenziweni kwezigqibo phakathi kwiNdlu le.
- d) INTloko yeNdawo yokuHlala ingathi, ngokuthethana neNtloko, ibize intlanganiso yeKomiti yeNdlu okanye yeDagbestuur xa ikubona kufanelekile oko.
- e) INTloko yeNdawo yokuHlala kuthethwana nayo malunga nezisombululo zeNdlu

nezigqibo ezenziwa yiKomiti yeNdlu kwaye ngokusebenzisa indima yayo ithi ithathe inxaxheba kwiinkqubo zokuthathwa kwezigqibo njengommeli weYunivesithi kwiNdlu le.

- f) INTloko yeNdawo yokuHlala ifezekisa indima engokusesikweni kwiinkqubo zoluleko zeNdlu njengoko kumiselwe kwiMigaqo yoLuleko lwaBafundi yase-SU.

3) INTloko

- a) INTloko ngusihlalo wesigqeba weNdlu.
- b) INTloko isebenza njengeqhagamshela phakathi kweNdlu, uluntu olungabafundi neekomiti zabafundi, neNtloko yeNdawo yokuHlala.
- c) Ngenxa yesikhundla sayo, iNtloko ililungu leKomiti yeNdlu.
- d) Ngenxa yesikhundla sayo, iNtloko ingusihlalo kuzo zonke iintlanganiso zeNdlu, ezeKomiti yeNdlu nezeDagbestuur.
- e) INTloko inganikezela ngegunya lendima yayo yokuba ngusihlalo wentlanganiso engokusesikweni yeNdlu, yeKomiti yeNdlu okanye yeDagbestuur kwiSekela-ntloko kunye/okanye kwilungu leKomiti yeNdlu xa ithe yona ayabi nako ukuyizimasa loo ntlanganiso.
- f) Ngokuthethana neNtloko yeNdawo yokuHlala neSekela-Ntloko, iNtloko inika ilungu ngalinye leKomiti yeNdlu ipotifoliyo eza kuba noxanduva lwayo.
- g) INTloko iyaqinisekisa ukuba ilungu ngalinye leKomiti yeNdlu liqulunqa ingxelo kwipotifoliyo nganye lize lizingenise ezo ngxelo ukuze zisiwe elugcinweni.
- h) INTloko imela iNdlu kwiintlanganiso zeKomiti yePrim nezinye iintlanganiso ezifanelekileyo zangaphandle kwaye ichophela imiba yaseSimonsberg yobudlelwane noluntu kunye nezinye iindawo zokuhlala, iMibutho yaBafundi eziMeleyo (ii-PSO), iKlasta yeValidas, iBhunga laBamele aBafundi nezinye izakheko ezifanelekileyo.
- i) Ngokusebenzisana neNtloko yeNdawo yokuHlala, iNtloko iyaqinisekisa ukuba amalungu eKomiti yeNdlu ayayenza imisebenzi yawo.
- j) INTloko iyaqinisekisa ukuba ingcaciso engokusesikweni yeYunivesithi kuyanxityelelwana ngayo ngokusebenzisa iNdlu le.
- k) Ukonyulwa kweNtloko kumiselwa liNqaku 5 lalo Mgaqo-siseko.

4) ISekela-Ntloko

- a) ISekela-Ntloko ngusekela-sihlalo wale ndawo yokuhlala.
- b) ISekela-Ntloko lisebenza njengeNtloko xa iNtloko ingekho ngaso nasiphi na isizathu.
- c) Ngenxa yesikhundla salo, iSekela-Ntloko lililungu leKomiti yeNdlu le.
- d) ISekela-Ntloko liyintloko ye-Senaat, ngaphandle kokuba kuthe kwamiselwa ngandlela yimbi.
- e) ISekela-Ntloko lingusihlalo we-IDC, ngaphandle kokuba kuthe kwamiselwa ngandlela yimbi.
- f) ISekela-Ntloko lisebenza njengeGosa lezoKhuseleko noThotyelo kwindawo le yokuhlala (lineqhagamshela elilidibanisa nepotifoliyo 'yoKhuseleko').
- g) ISekela-Ntloko lisebenza njengeqhagamshela elingokusesikweni phakathi kwendawo le yokuhlala nezithwala-ndwe zeNdlu le.
- h) Ukonyulwa kweSekela-Ntloko kulawulwa liNqaku 5 lalo Mgaqo-siseko.

5) IKomiti yeNdlu

- a) IKomiti yeNdlu inamalungu ali-15, malungu lawo ayiNtloko, iSekela-Ntloko, amalungu ongezelelweyo ali-12 noMcebisi-Maqhinga.
- b) INtloko neSekela-Ntloko bekunye neNtloko yeNdawo yokuHlala nawo nawaphi na amalungu eKomiti yeNdlu asebenze izihlandlo zamaxesha okuba se-ofisini ezingaphezu kwesinye ngabo abenza i-Dagbestuur (jonga inqaku 7 apha ngezantsi).
- c) Isithuba sexesha lokuba se-ofisini kweKomiti yeNdlu siza kuqalisa xa sele iziphumo zolonyulo zigqityiwe zaza zapapashwa. Oku akuyi kuba semva kwexesha lokuqala kwekota yesine yezifundo.
- d) Kulindelekile ukuba iKomiti yeNdlu isebenze ngokuhambelana neenqobo neendlela zokuziphatha zakwiNdlu le ngawo onke amaxesha.
- e) Ilungu ngalinye leKomiti yeNdlu liza kuba noxanduva lokufezekisa ipotifoliyo (okanye ingqokelela yeepotifoliyo) ngesithuba sexesha lalo lokuba se-ofisini, nto leyo iya kumiselwa yiNtloko ibe ethethene neSekela-Ntloko neNtloko yeNdawo

yokuHlala. Ezi potifoliyo zingahluka kunyaka nonyaka. Noko kunjalo, le migaqo ilandelayo iya kusebenza:

- (i) Ilungu elinye ubuncinane liya kudlala indima yokuba ngunongxowa wendawo le yokuhlala, lithathe uxanduva lwemicimbi yezezimali yeNdlu le (ngokusebenzisana neNtloko neNtloko yeNdawo yokuHlala).
- (ii) Ilungu elinye ubuncinane liya kudlala indima yokuba ngunobhala, lithathe uxanduva lonxibelelwano olusebenzayo phakathi kweKomiti yeNdlu nendawo le yokuhlala nokugcinwa kwemizuzu yeentlanganiso ezingokusesikweni zeNdlu nezeKomiti yeNdlu.
- (iii) Ilungu elinye ubuncinane liya kuba noxanduva lophengululo lwalo Mgaqo-siseko lwarhoqo ngonyaka ukuze ubonakalise iinqobo neenkolo zamalungu eNdlu le ngokuchanekileyo.

6) UMcebisi-Maqhinga

- a) UMcebisi-Maqhinga ulilungu leKomiti yeNdlu ngenxa yesikhundla sakhe.
- b) Isikhundla soMcebisi-Maqhinga senzela ukuze siquke, phakathi kwezinye izinto, iimbono zomntu wasetyhini kwimeko yendawo yokuhlala yamadoda.
- c) Esi sikhundla ke ngoko sibanjwa ngumfundi ongumntu wasetyhini nosele kwiminyaka emibini edlulileyo wasebenza njengelungu leKomiti yeNdlu kunye/okanye iSekela-Ntloko kunye/okanye iNtloko kwindawo yokuhlala yase-SU kwikhampasi yaseStellenbosch.
- d) Le ndima iquka ukucebisa nokuxhasa iKomiti yeNdlu le kwimiba (ngohlobo yena abona kufaneleke ngalo) kwa kunye nokuphatha naziphi na iipotifoliyo njengoko kucelwa yiNtloko.
- e) Abagqatswa nokonyulwa kwaba bagqatswa kulawulwa licandelo 5.5 lalo Mgaqo-siseko.
- f) Isithuba sexesha lokuba se-ofisini koMcebisi-Maqhinga siya kuthi
 - i) siqalise emva kokuba iziphumo zolonyulo loMcebisi-Maqhinga zithe zachazwa kwiNdlu le; size
 - ii) siphela ngosuku olunye ekuya kuphela ngalo isithuba sexesha lokuba se-ofisini kweKomiti yeNdlu le, njengoko kumiselwe liCandelwana 5 apha

ngentla.

7) I-Dagbestuur

- a) I-Dagbestuur isebenza endaweni yeKomiti yeNdlu kwimiba engxamisekileyo nenokube ingenakulinda kwaye ke ngoko idinga ukuthathelwa ingqalelo okungxamisekileyo kunye/okanye ungenelelo.
- b) I-Dagbestuur kufuneka icebise iKomiti yeNdlu le kwaye/okanye izise umba ofuna ukuthathelwa ingqalelo ngakumbi kunye/okanye nokuthathwa kwezigqibo kwiKomiti yendlu le.
- c) I-Dagbestuur le ayiloqumrhu lokwenziwa kwezigqibo yona buqu kwaye ke ngoko ayinako ukusebenza ngokuzimele geqe kwiKomiti yeNdlu le.

8) Abacebisi

- a) Wonke umcebisi unoxanduva lwenkxaso yangokwengqondo nangokwentlalo kubafundi abenza unyaka wokuqala ngokujoliswe kuyo yonke imiba efunekayo, ukususela ekuqaleni kwesithuba soKwamkelwa ukuya ekupheleni konyaka lowo wemfundo.
- b) Inani elithile labacebisi elithe lamiselwa njengelifanelekileyo ngokuhambelana nenani labafundi abenza unyaka wokuqala liyatyunjwa ngokwezicelo ezithe zangeniswa kwiphaneli yokutyumba abacebisi. Le ngqiqo yarhoqo ngonyaka (abacebisi: abafundi abenza unyaka wokuqala) imiselwa liZiko loLuntu olungaBafundi (CSC).
- c) Abagqatswa nokutyunjwa kwabo bagqatswa kulawulwa liNqaku 5 lalo Mgaqo-siseko.
- d) UMcebisi oyiNtloko neSekela-Mcebisi oyiNtloko baya kuthi bakhokele bonke abanye abacebisi.
- e) USekela-Mcebisi oyiNtloko sisikhundla esingekho ngokusesikweni kwaye kuyafuneka ukuba umgqatswa lowo utyunjiweyo amele uMcebisi oyiNtloko xa yena buqu engekho.
- f) Imisebenzi noxanduva lwabacebisi lumiselwa yi-SCS.

9) I-Senaat

- a) I-Senaat liqumrhu lobunkokheli elineeSimonsbergers ezisibhozo kunye neNtloko yeSenaat.
- b) Ngaphandle kokuba kumiselwe ngandlela yimbi, iSekela-Ntloko lisebenza njengeNtloko ye-Senaat.
- c) Abagqatswa nokonyulwa kwaba bagqatswa kulawulwa licandelo 5.8 lalo Mgaqo-siseko.
- d) I-Senaat ineenjongo ezimbini eziphambili:
 - i) Ukuqinisekisa inkcubeko yemvisiswano, ubuhlobo nomanyano kule ndawo yokuhlala ngokusingatha imisitho yangaphakathi kwindawo le yokuhlala nezenzo zokuzibandakanya.
 - ii) Ukusebenza njenge-IDC yendawo le yokuhlala.
- e) Ilungu ngalinye le-Senaat liya kuba noxanduva lokufezekisa ipotifoliyo (okanye ingqokelela yeepotifoliyo) ngelixa lesithuba sexesha lalo lokuba se-ofisini, potifoliyo leyo iya kumiselwa yiNtloko yeSenaat.
- f) Amalungu eSenaat ziiSimonsberger ezizimisele ukusebenzela, ukusa phambili nokuphucula iSimonsberg namava aza nokuhlala kwiNdlu le. Injongo, iinqobo noxanduva lwe-Senaat lugqanyisiwe kwiSihlomo D solu xwebhu.

12) IiKomiti ezincinci

- a) IKomiti yeNdlu le inamandla okuqaphela, ukutyumba nokonyula iikomiti ezincinci ezisuka kubahlali bakwiNdlu le. Ezo komiti zincinci zineqhagamshela kunye neepotifoliyo zeKomiti yeNdlu, imisitho, kunye/okanye nemisebenzi yokuzibandakanya kwabantu ngelixa lonyaka wemfundo.
- b) IKomiti yeNdlu ikhuthaza amalungu eNdlu le ukuba aphume iphulo ngokujoliswe ekudalweni kweekomiti ezincinci ezintsha. Ezo komiti zincinci ziya kusebenza njengamaqonga angobuchule ukuze amalungu eNdlu le afezekise okusemandleni awo ngokuphathelene namanye amalungu oluntu lwaseSimonsberg nakude.
- c) Oosihlalo beekomiti ezincinci ezinjalo kufuneka bonyulwe yiKomiti yeNdlu le kunye/okanye nelungu leKomiti yeNdlu le kunye/okanye bangaba ngamalungu eeKomiti zeNdlu le.

INQAKU 4

Imiba yezoluleko kwindawo yokuhlala

1) Ukwakheka kweKomiti yezoLuleko yaNgaphakathi

- a) Ngenxa yesikhundla salo, iSekela-Ntloko lingusihlalo we-IDC.
- b) I-IDC inosihlalo, amalungu e-Senaat asibhozo kwaye inamalungu e-IDC ongezelelweyo angadlulanga kwisibini.
- c) Indima noxanduva lwe-IDC lumiselwa yiKhowudi yoLuleko lwaBafundi yase-SU.
- d) Ngenxa yesikhundla sayo, iNtloko yeNdawo yokuHlala ililungu le-IDC elisisigxina.
- e) Ngenxa yesikhundla sayo, iNtloko inelungelo lokuzimasa nayiphi na intlanganiso yoluleko yangaphakathi.
- f) Usihlalo angathi, ngokusebenzisa igunya lakhe, atyumbe (angadluli) amalungu eKomiti yeNdlu ongezelelweyo ukuba asebenze kwi-IDC.
- g) Usihlalo uya kuba noxanduva lokugcinwa kweerekhodi zezenzo ze-IDC nezigqibo ngelixa lesithuba sexesha lokuba se-ofisini kwakhe.
- h) Usihlalo kufuneka anxibelelane malunga nezigqibo ze-IDC kunye noSihlalo weNdawo yokuHlala (xa ithe yangabikho kwiintlanganiso ze-IDC) kunye neKomiti yeNdlu le.
- i) Kuluxanduva lukasihlalo ukuthathela ingqalelo iilwimi ezahluka-hlukeneyo, iinkcubeko kwaye ngokukodwa izithethe zangokwentlalo zamalungu ale Ndlu.
- j) I-IDC kufuneka ibe nako ukwamkela ukwahluka-hluka kwabantu ngokwanele ukuba imele wonke ubani okhoyo kule Ndlu.

2) Ukusebenza

- a) Zonke iinkqubo zoluleko kwindawo le yokuhlala ziya kuxhomekeka kwiSigqeba soLuleko lwaBafundi sase-SU.

- b) Le migaqo nemigqaliselo imiselwe kwiSihlomelo E solu xwebhu.
- c) Lowo uthathwa njengomenzi wobubi kufuneka afumane inotisi ebhaliweyo okanye enge-elektroniki kwiiyure ezingama-48 ubuncinane phambi kwentlanganiso yokuviwa kwesikhalazo esingokuchasene naye kwaye unelungelo lokumelwa ngumhlali waseSimonsberg xa yena ebona oko kufanelekile.
- d) Ngelixa lokuviwa kwesikhalazo eso, i-IDC ilandela umgaqo oyeleleneyo nalowo weKomiti Yoluleko yaseMbindini yeYunivesithi:
 - (i) USihlalo uyaqinisekisa ukuba umtyholwa uyawuvisisa umgaqo lowo.
 - (ii) Lowo uthathwa njengomenzi wobubi uyalifundelwa ityala elo.
 - (iii) Umtyholwa uyalinikwa ithuba lokuba axele ukuba uyalivuma kusini na ityala.
 - (iv) Ngokungakhathaliseki kwisibheni, lowo uthathwa njengomenzi wobubi uyalinikwa ithuba lokuveza elakhe icala kumba lowo. Kuyimfuneko ukuba i-IDC iziqhelanise noko kudandalazisiweyo, nalapho emva koko kufuneka iwise isigwebo.
- e) Xa lowo ungomenzi wobubi ethe wawiselwa isohlwayo, unalo ithuba lokufaka isibheni kwiNtloko yeNdawo yokuHlala. Ukuba kuyimfuneko, isibheni eso siya kuthunyelwa kwi-CDC yeYunivesithi ukuze sithathelwe ingqalelo nangakumbi. Oko kuya kwenziwa ngokuhambelana nemimiselo yeSigqeba soLuleko lwaBafundi sase-SU.
- f) Xa i-IDC ithe ayabi nako ukufikelela kwisigqibo esingamxhelo-mnye, kuya kufuneka ukuba ivote phezu komba lowo. Usihlalo unevoti egqibayo xa iivoti zilingana phakathi kwamanye amalungu. Xa inani lamalungu e-IDC lithe lafunisa ukuba kwenzeke oko, iNtloko ingathi ngokugunyaziswa ngusihlalo ivunyelwe ukuba ivote.

3) Amandla nobuchule

- a) I-IDC inobuchule bokunyanzelisa isohlwayo esifanelekileyo njengoko kubonelelwe kwiKhowudi yoLuleko lwaBafundi yase-SU.
- b) I-IDC neKomiti yale Ndlu inoxanduva lokumisela, ngenxa yemibandela yenkqubo, ukuba isenzo siyazaphula kusini na iinqobo ezine zale Ndlu, ngokuxhomekeke kwizibonelelo zeSihlomelo E.

- c) Nasiphi na isigwebo (apho kufanelekileyo) nesohlwayo se-IDC kufuneka siqinisekiswa kwaye kunxityelelwane ngaso kunye nalowo uthathwa njengomenzi wobubi zingadlulanga iiyure ezingama-24 zokuwisa kwesigwebo okanye isohlwayo eso.
- d) Le notisi ingentla kufuneka imazise umtyholwa lowo ngelungelo lakhe lokufaka isibheni kwiNtloko yeNdawo yokuHlala neKomiti yale Ndlu. Isicelo sesibheni kufuneka sifakwe kusihlalo ngokubhalwe phantsi zingadlulanga iiyure ezingama-48. Ukuba oko kuyimfuneko, isibheni eso siya kuthunyelwa kwi-CDC ukuze sithathelwe ingqalelo nangakumbi. Oko kuya kwenziwa ngokuhambelana nemimiselo ekwiKhowudi yoLuleko lwaBafundi yase-SU.
- e) Ubuchule be-IDC buncediswa kwaye buthintelwa zizibonelelo ezifanelekileyo ezikwiKhowudi yoLuleko lwaBafundi yase-SU.

4) Inkqubo

- a) Ngokuxhomekeke ekuphunyezweni yiKomiti yale Ndlu, i-IDC inobuchule obubodwa bokumisela inkqubo, ngokuxhomekeke kwizithintelo noncedo olukwafana nakwiNqaku 3 (3)(e) apha ngentla.
- b) Ekuqaleni kwesithuba sexesha layo lokuba se-ofisini, i-IDC iya kuqulunqa uxwebhu apho inkqubo ikunye negunya lokohlwaya le-IDC liya kumiselwa lize liphunyezwe yiKomiti yale Ndlu, kwaye olo xwebhu kuya kunxityelelwana ngalo kunye nale Ndlu. Ukuba i-IDC ithe ekuqaleni kwesithuba sexesha lokuba se-ofisini kwayo yagqiba kwelokuba iza kulusebenzisa uxwebhu olo luqulunqwe yi-IDC yangaphambili, ingakwenza oko.
- c) Emva kokuba uxwebhu olo luthi lwaphunyezwa yiKomiti yale Ndlu, luya kusebenza njengesihlomelo esibophelelayo, esibizwa ngokuba siSihlomelo E, kulo Mgaqo-siseko.
- d) Wonke umntu othathwa njengomenzi wobubi uya kufumana ikopi yeSihlomelo E kunye neleta leyo ikhankanyiweyo kwiNqaku 4(2)(c).

INQAKU 5

Ulonyulo

1) IKomiti yoLonyulo

- a) Kwintlanganiso yokuqala yeKomiti yale Ndlu kwikota yesithathu, iKomiti yale Ndlu kufuneka yonyule iKomiti yoLonyulo, neya kuba nosihlalo namalungu amane ongezelelweyo.
- b) INtloko ephumayo esihlalweni isebenza njengosihlalo wale komiti, ngaphandle kokuba ithe yazigqatsa ukuba yonyulwe kwakhona njengeNtloko, iSekela-Ntloko okanye ilungu leKomiti yale Ndlu, nalapho usihlalo ofanelekileyo kufuneka amiselwe yiKomiti yeNdlu le.
- c) Le komiti inoxanduva lokonyulwa kweNtloko engenayo esihlalweni, iSekela-Ntloko neKomiti yeNdlu.
- d) Akukho lungu leKomiti yoLonyulo enokumela esinye sezi zikhundla.
- e) Ikomiti leyo kufuneka inxibelelane ngemihla neemfuno zamagqugula esikhokelo kunye nale Ndlukwiveki enye ubuncinane ngaphambili.
- f) Usihlalo uya kuba noxanduva lokuchophela amagqugula esikhokelo eNtloko, iSekela-Ntloko neKomiti yeNdlu engenayo ezihlalweni.
- g) Kwimeko apho igqugula lesikhokelo lingenako ukwenzeka ubuso ngobuso, iKomiti yoLonyulo ingayibamba ngobuxhaka-xhaka bale mihla kwi-intanethi.
- h) Le komiti ingacela amalungu ongezelelweyo ukuba ancedise ekuqhubeni imisebenzi yayo.

2) Inkqubo yokuvota

Eli candelwana lilawula inkqubo yokuvota emayilandelwe xa kusonyulwa iNtloko, iSekela-Ntloko neKomiti yeNdlu.

- a) Yonke iSimonsberger inevoti elingana neyenywe.
- b) Yonke iSimonsberger iya kuba nalo ithuba lokuzikhwebula ekuvoteni.

- c) Phantsi kweemeko eziqhelekileyo, ukuvota kufuneka kwenzeka ngokuhambelana nenkqubo yokuvotela ekhusini, elungelelaniswa, ephathwa nelawulwa yiKomiti yoLonyulo.
- d) IKomiti yoLonyulo kufuneka yabelane ngeziphumo zolonyulo olukhankanyiweyo apha ngentla kunye neNtloko yeNdawo yokuHlala phambi kokubhengezwa kwazo ngokusesikweni kule Ndlu.
- e) Ukuba le nkqubo imiselwe ku-(c) apha ngentla ayinako ukulandelwa, inkqubo yokuvota enge-elektroniki, njengoko kulawulwa yiKomiti yoLonyulo ngokuhambelana kwaye ngenkxaso esuka kwi-CSC, iya kulandelwa. I-CSC iya kuthi ke ngoko yabelane ngeziphumo zolonyulo kunye neKomiti yoLonyulo neNtloko yeNdawo yokuHlala.

2) UKonyulwa kweNtloko

- a) Ukufanelekela ukungena esikhundleni sokuba yiNtloko kuxhomekeke ekubeni umgqatswa lowo abe ebekhe wasebenza kwiKomiti yale Ndlu kwisithuba esingaphambili.
 - i) Ukuba le meko iku-(a) ayinako ukufezekiswa, iKomiti yoLonyulo ingavulela izingcingane kwiiSimonsberger ebezikhe zasebenza ngaphambili njengamalungu eSenaat okanye abacebisi.
- b) Yonke iSimonsberger ingavotela umgqatswa omnye kuwo nawuphi na umjikelo wokuvota.
- c) Iziphumo zolonyulo:
 - i. Ukuba babini abagqatswa abamele esi sikhundla, umgqatswa oneevoti ezizezona zininzi iya kuba nguye oya konyulwa njengeNtloko.
 - ii. Ukuba bathathu okanye ngaphezulu abagqatswa abamele esi sikhundla, abo bagqatswa baya kuphungulwa ukuze babe babini ngemjikelo yokuvota ephinda-phindwayo.
 - iii. Ukuba bane okanye ngaphezulu abagqatswa abamele esi sikhundla, umgqatswa onelona nani lincinci leevoti uya kususwa emva komjikelo wokuvota ngamnye. Noko kunjalo iKomiti yoLonyulo ingathethana nabagqatswa abashiyekileyo ukuze kufunyaniswe ukuba bayafuna kusini na ukuqhubekela kweminye imijikelo yokuvota.

- iv. Ukuba umgqatswa omnye ufumene iivoti ezingaphezu kwama-50% kuwo nawuphi na umjikele wokuvota, loo mgqatswa iya kuba nguyey oya konyulwa njengeNtloko.
- d) Abagqatswa abakhutshiweyo kugqatso baya kuba ngabafanelekileyo ukuba bonyulelwe ubuSekela-Ntloko, ukuba bathe bazigqatsa ukuba bonyulelwe esi sikhundla.
- e) Xa iNtloko isonyulwa, ipesenti yokuvota engama-75% ubuncinane yazo zonke iiSimonsberger kufuneka igcinwe kulo lonke ixesha kwaye lingadlulanga ixesha lolonyulo elimiselwe yiKomiti yoLonyulo. IKomiti yoLonyulo kufuneka isebenzise amagunya ayo ukwandisa kunye/okanye nokuvala isithuba sexesha lolonyulo.
- f) Iziphumo zolonyulo lweNtloko kufuneka zibhengezwe zingadlulanga iiyure ezingama-24 emva kokuvalwa kwesithuba sexesha lokuvota.
- g) Ukuba kukho iqhina leevoti (inani elilinganayo leevoti zabagqatswa) izihlandlo ezibini, iivoti ezigqibayo zixhomekeke kwiKomiti yoLonyulo namalungu ale Komiti angengabo abagqatswa kolu lonyulo.

3) Ukonyulwa kweSekela-Ntloko

- a) Ukufanelekela isikhundla sobuSekela-Ntloko kuxhomekeke ekubeni umgqatswa lowo ebekhe wasebenza na kwiKomiti yeNdlu le kwisithuba esingaphambili.
 - i) Ukuba imeko eku-(a) ayinako ukufezekiseka, iKomiti yoLonyulo ingavulela izicelo kwiiSimonsberger ebezikhe zasebenza njengamalungu eSenaat okanye abacebisi ngaphambili.
- b) Ukuvotela isikhundla sobuSekela-Ntloko kungaqala kuphela emva kokubhengezwa kweziphumo zolonyulo lweNtloko.
- c) Yonke iSimonsberger ingavotela umgqatswa omnye kuwo nawuphi na umjikele wokuvota.
- d) Iziphumo zolonyulo:
 - i. ukuba babini abagqatswa abamele esi sikhundla, umgqatswa onezona voti zininzi iya kuba nguyey oya konyulwa njengeSekela-Ntloko.

- ii. ukuba bathathu okanye ngaphezulu abagqatswa abamele esi sikhundla, abagqatswa baya kuphungulwa ukuze babe babini ngokusebenzisa imijikelo yokuvota ephinda-phindwayo.
 - iii. ukuba bane okanye ngaphezulu abagqatswa abamele esi sikhundla, umgqatswa onelona nani lincinci leevoti uya kususwa emva komjikelo wokuvota ngamnye. Noko kunjalo iKomiti yoLonyulo ingathethana nabagqatswa abashiyekileyo ukuze kufunyaniswe ukuba bayafuna kusini na ukuqhubekela kweminye imijikelo yokuvota.
 - iv. ukuba umgqatswa omnye ufumene iivoti ezingaphezu kwama-50% kuwo nawuphi na umjikelo wokuvota, loo mgqatswa iya kuba nguye oya konyulwa njengeSekela-Ntloko.
- e) Abagqatswa abakhutshiweyo kugqatso baya kuba ngabafanelekileyo ukuba babe ngabagqatswa abaya konyulelwa ukuba kwiKomiti yale Ndlu, xa bethe bazigqatsa ukuba bonyulelwe ukungena kwisikhundla esikwiKomiti yale Ndlu.
 - f) Xa iSekela-Ntloko lisonyulwa, ipesenti yeeSimonsberger ezimbini esithathwini ubuncinane kufuneka igcinwe kulo lonke ixesha kwaye lingadlulanga ixesha elimiselwe yiKomiti yoLonyulo njengexesha lolonyulo. IKomiti yoLonyulo kufuneka isebenzise amagunya ayo ukwandisa kunye/okanye nokuvala isithuba sexesha lokuvota.
 - g) Ukuba kukho iqhina leevoti (inani elilinganayo leevoti zabagqatswa) izihlandlo ezibini, iivoti ezigqibayo zixhomekeke kwiKomiti yoLonyulo namalungu eKomiti yale Ndlu angengabo abagqatswa kolu lonyulo.

4) UKonyulwa kweKomiti yale Ndlu

- a) Ukuvotela amalungu eKomiti yeNdlu kungaqalisa kuphela emva kokubhengezwa kweziphumo zolonyulo lweNtloko neSekela-Ntloko.
- b) Abagqatswa baya kufaneleka ukuba bamele isikhundla sokuba lilungu leKomiti yeNdlu ukususela kunyaka wabo wesibini behlala kule ndawo yokuhlala okanye ngaphandle kokuba kumiselwe ngandlela yimbi.
- c) Yonke iSimonsberger ingavotela abagqatswa abali-12 ubuninzi. Oku kuya

kusebenza ngaphandle kokuba inani labantu abonyulelwa ukuba basebenze kwiKomiti yale Ndlu liyatshintsha.

- d) Abagqatswa abo bali-12 abathe bafumana ezona voti zininzi ngabo abaya kuba yiKomiti yale Ndlu entsha.
- e) Xa kusonyulwa iKomiti yale Ndlu, ipesenti yeevoti zeeSimonsberger ezimbini esithathwini kufuneka igcinwe kulo lonke ixesha kwaye lingadlulanga ixesha elimiselwe yiKomiti yoLonyulo njengexesha lokuvota. IKomiti yoLonyulo kufuneka isebenzise amagunya ayo ukwandisa kunye/okanye ukuvala isithuba sexesha lokuvota.
- f) Xa kuthe kwenzeka iqhina leevoti ngokujoliswe kwilungu le-12, iKomiti yoLonyulo kufuneka ilungelelanise ivoti eyenye phakathi kwabagqatswa abo beneqhina leevoti kuphela ukuze kumiselwe amalungu angawona wokugqibela.
- g) IKomiti yoLonyulo kufuneka ibhale imizuzu yazo zonke iziphumo ize iyigcine kuso sonke isithuba sexesha lokuba se-ofisini kweKomiti yeNdlu esiqala ngelo xesha nanjengoko abagqatswa abakhutshiweyo kugqatso besenokuthathelwa ingqalelo kwakhona ekubeni babe ngamalungu eKomiti yale Ndlu ekuhambeni kwexesha (jonga amacandelwana 9(d) no-9(e) apha ngezantsi). Oko kufuneka kwenziwe ngokuvana neNtloko yeNdawo yokuHlala.
- h) Xa amagama amalungu eKomiti yeNdlu ebhengezwa, i-Senaat inoxanduva lokunika lonke ilungu elitsha ilitye. Loo matye kufuneka abekwe phezu kwentaba yaseSimonsberg singadlulanga isithuba sexesha esivakalayo emva kokubhengezwa kweKomiti yeNdlu entsha kodwa phambi kokuqala kwalo nyaka wemfundo ulandelayo.

5) Ukutyunjwa koMcebisi-Maqhingha

- a) UMcebisi-Maqhingha kufuneka atyunjwe msinya kangangoko kunokwenzeka emva kokubhengezwa kweziphumo zeKomiti yeNdlu.
- b) I-Dagbestuur iya kuba noxanduva lokuchophela ukutyunjwa koMcebisi-Maqhingha (jonga iNqaku 3 icandelwana 6 apha ngentla).
- c) I-Dagbestuur iya kuba noxanduva lokupapasha isikhundla eso,

ukuthathela ingqalelo izicelo nokumema abagqatswa ababini ubuncinane ukuba beze kudliwano-ndlebe kunye neKomiti yale Ndlu.

- d) Ngokuxhomekeke ku-(c) apha ngentla, i-Dagbestuur iya kulawula ukuvotelwa kwalowo uya kungena kwesi sikhundla:
- i) Ilungu ngalinye leKomiti yale Ndlu liya kuba nevoti enye kumjikelo wokuvota ngamnye. Le voti ingenzeka ngendlela yokuvotela ekhusini okanye yenzeke ngobuxhaka-xhaka bale mihla kwi-intanethi ukuba oko kuyimfuneko.
 - ii) UMcebisi-Maqhinga iya kuba ngumgqatswa lowo uthe wafumana iivoti ezisibhozo ubuncinane, kwaye i-Dagbestuur kufuneka ichophele imijikelo yokuvota eliqela ukuba oko kuyimfuneko.
 - iii) Ukuba kuthe kwabakho iqhina leevoti (inani elilinganayo leevoti) izihlandlo ezithathu, ivoti egqibayo ixhomekeke kwiNtloko.

6) Ukutyunjwa koMcebisi oyiNtloko

- a) Ukutyunjwa koMcebisi oyiNtloko kufuneka kwenziwe lingadlulanga ixesha elivakalayo emva kokubhengezwa kweKomiti yale Ndlu kwaye ngaphambi kokonyulwa kwabacebisi.
- b) Lowo wonyulwe njengeNtloko entsha iya kuba nguye oya kuba noxanduva lokuchotshelwa kodliwano-ndlebe ukulungiselela esi sikhundla nokuchotshelwa kolu tyunjo.
- c) Iphaneli yotyunjo loMcebisi oyiNtloko inalowo wonyulwe njengeNtloko, lowo wonyulwe njengeSekela-Ntloko, uMcebisi oyiNtloko ophumayo esikhundleni neNtloko yeNdawo yokuHlala.
- d) Le phaneli ikhankanyiweyo yiyo enoxanduva lokutyumba uMcebisi oyiNtloko. Loo phaneli inegunya lokucela amalungu ongezelelweyo ukuba ancedise kule nkqubo.
- e) Ngabahlali abakhe basebenza njengabacebisi kwisithuba sangaphambili kuphela abaya kuthathelwa ingqalelo ukulungiselela isikhundla sokuba nguMcebisi oyiNtloko.
- f) Ukuba le meko ayinako ukufezekiseka, kufuneka kuvulelwe izicelo

kumalungu eKomiti yale Ndlu angaphambili kwaye, ukuba oko akuphumeleli, zivulelwe kule Ndlu ngokubanzi.

7) Ukutyunjwa kwabacebisi

- a) Abacebisi kufuneka batyunjwe kwixesha elivakalayo emva kokubhengezwa koMcebisi oyiNtloko kwaye phambi kokuqala kwenkqubo yoqeqesho lwabacebisi yeYunivesithi engokusesikweni.
- b) Lowo wonyulwe njengeNtloko uya kuba noxanduva lokuchotshelwa kwale nkqubo yolonyulo nokuchotshelwa kodliwano-ndlebe lokulungiselela ezi zikhundla.
- c) IPaneli yoLonyulo lwaBacebisi inalowo wonyulwe njengeNtloko, lowo wonyulwe njengeSekela-Ntloko, lowo wonyulwe njengoMcebisi oyiNtloko, uMcebisi-Maqhinga ophumayo esikhundleni neNtloko yeNdawo yokuHlala. Le phaneli inegunya lokucela amalungu ongezelelweyo ukubaancedise kule nkqubo.
- d) Le phaneli yiyo enoxanduva lokonyula abacebisi.
- e) Ukuba kukho inani elikhulu lezicelo ezifakiweyo, iPhaneli yoLonyulo lwaBacebisi ingasebenzisa amagunya ayo ukuthatha isigqibo sokuba ngabaphi kwaba bafaki-zicelo abaya kufumana udliwano-ndlebe kwaye bathathelwe ingqalelo ngokujoliswe ekunikweni izikhundla.
- f) Nayiphi na iSimonsberger ifanelekile ukuba ingasifumana isikhundla sokuba ngumcebisi.
- g) USekela-Ntloko yaBacebisi uya kutyunjwa yiPhaneli yoLonyulo lwaBacebisi kwabo basandula ukonyulwa njengabacebisi kutsha nje.

8) Ukonyulwa kwe-Senaat

- a) Ukonyulwa kwe-Senaat kufuneka kwenzeke lingadlulanga ixesha elivakalayo emva kokubhengezwa kwabacebisi kodwa kufuneka kube sele kugqityiwe xa kuphela iveki yesithathu kwikota yesine yonyaka.
- b) Abagqatswa baya kufaneleka ukuba bamele isikhundla sokuba lilungu le-Senaat ukususela kunyaka wabo wesibini behlala kule ndawo yokuhlala.

- c) Lowo uthe wonyulwa njengeSekela-Ntloko elitsha iya kuba nguye oya kuba noxanduva lokuchotshelwa kwegqugula nolonyulo lwe-Senaat, noluya kuvuleleka ukuba zonke iiSimonsberger ziluzimase ubuso ngobuso, okanye apho kufaneleke khona, nge-intanethi.
